**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (60) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (20) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Abuyile amagorha!**






IKapteni yamaBhokobhoko aziintshatsheli zehlabathi, uJohn Smit uthe ubengayilindelanga intlokoma elamkelwe ngayo iqela lakhe xa lifika ekhaya ngoLwesibini lomhla wama-23 ku-Oktobha.

Amawaka-waka abathandi bombhoxo baphume ngendlu ukuya kuhlangabeza eli qela e-OR Tambo International Airport. Abanye bafike ngentsimbi yesine kumpondo zankomo. Bafike ngeebhasi, ngoololiwe, ngeeteksi kunye neemoto. Inqwelomoya yamaBhokobhoko ibiza kufika ngo-10 ekuseni. Bekukho abantwana nabantu abebephethe izaziso ngezaziso zokulamkela iqela lamaBhokobhoko eliphumelele phesheya kwiNdebe yeHlabathi.

USekela-Mphathiswa wezeMidlalo, uGert Oosthuizen, uthe amaBhokobhoko abonise ihlabathi ukuba abantu boMzantsi-Afrika beentlanga ngeentlanga bamanyene. Uthe: "Anisimanyanga nje kuphela – nisenze saneqhayiya saziva singamagorha nathi."

Iintsapho zamaBhokobhoko nazo beziye kwisikhululo senqwelomoya ukuwamkela. Bonke abantu abebelapho bebefuna ukuwafota nokuthetha namagorha abo. Bekunzima kumaBhokobhoko ukugqitha phakathi kwaloo nginginya yabalandeli abebecula *uShosholoza* bekhalisa neevuvuzela.

Emva kokubuyela kwamaBhokobhoko eMzantsi-Afrika, iqela lakhwela ibhasi laqala uhambo oluya kwezinye izixeko zomZantsi-Afrika ukuze abaxhasi bonke bafumane ithuba lokubamkela. Olu hambo luphele kwisitheyidiyamu saseNewlands eKapa. Bekukho abaxhasi abangamawaka angamashumi amane abebethontelene ukuwabona.

[Sikhutshwe kwi*Bona* kaDisemba 2007 saze sahlelwa]

| | | |
|---|---|---|
| 1.1.1 | Ngubani oyiKapteni yamaBhokobhoko? | (1) |
| 1.1.2 | Umdlali okumfanekiso wokuqala ubambe ntoni ngezandla? | (1) |
| 1.1.3 | Abathandi bombhoxo bebelihlangabeza phi iqela lamabhokobhoko? | (1) |
| 1.1.4 | Bebebangaphi abathandi bombhoxo abebefuna ukudibana neqela lamaBhokobhoko ngaloo mini? | (1) |
| 1.1.5 | Abathandi bombhoxo bafike nini kuloo ndawo uyichaze ku-1.1.3? Khupha amagama amabini kwesi sicatshulwa aza kuxhasa impendulo yakho. | (2) |
| 1.1.6 | Abathandi bombhoxo bakhwela iindidi zezithuthi ezingaphi ukuya e-OR Tambo? | (1) |
| 1.1.7 | Bekunzima kumaBhokobhoko ukugqitha kulaa ndawo ebekuyo. Chaza isizathu soko. | (2) |
| 1.1.8 | Yeyiphi eyona ngoma iculwa ngabalandeli bamaBhokobhoko? | (1) |
| 1.1.9 | Yintoni na ivuvuzela? Isoloko isetyenziswa ngoobani? | (2) |
| 1.1.10 | Umntu oligorha ngumntu onjani? Ngoobani ke amagorha kwesi sicatshulwa? | (2) |
| 1.1.11 | Bhala phantsi elinye igama elivela kwesi sicatshulwa elithetha into enye neli: "abathandi" bombhoxo. | (1) |
| 1.1.12 | Iqela lamaBhokobhoko libanceda njani abemi boMzantsi-Afrika ngoluvo lukaGert Oosthuizen? | (2) |
| 1.1.13 | Ucinga ukuba abaxhasi bombhoxo bebeziva njani bakubona iqela labo lifika e-OR Tambo International Airport? Khupha ibinzana kwesi sicatshulwa eliza kuxhasa impendulo yakho. | (2) |
| 1.1.14 | Uhambo lwamaBhokobhoko lokubhiyoza lwaphelela phi? | (1) |

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.1 | Mangaphi amaJimbos kule khathuni? | (1) |
| 1.2.2 | Umbhali wale khathuni ngubani? | (1) |
| 1.2.3 | Ngubani ozisa ileta kwamanye amaJimbos amathathu? | (1) |
| 1.2.4 | Igama elithi "Chiskop" ligama elimfanelayo na? Xhasa impendulo yakho. | (1) |
| 1.2.5 | UShoti umangaliswe kukuba uChiskop engaxhuma-xhumi. Kutheni emangaliswe yile nto uShoti? | (1) |
| 1.2.6 | Chaza isizathu sokuba uChiskop angonwabi akuva iindaba ezikwileta. | (2) |
| 1.2.7 | Kutheni uShoti ebetha uChiskop? | (2) |
| 1.2.8 | Bhala phantsi esinye isizathu sokuba uChiskop abe nomsindo ekugqibeleni. | (1) |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa sithetha ngeendlela zokuthulisa usana uze usishwankathele. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

2.1 Bhala izivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeengcebiso zokuthulisa usana. Isivakalisi ngasinye masiqUke icebo elinye lokuthulisa usana. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)

2.2 Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo. (2)

2.3 Shwankathela ngamagama amalunga nama-40 ukuya kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (1)




Kunzima ukuba ngumzali ngamanye amaxesha. Abazali abathandi le nto yokuba usana lwabo lulile lungxole kakhulu. Kukho iindlela ngeendlela zokuthulisa usana lwakho. Abazali mabaqaphele ke ezi zinto.

Usana luthanda ukubekwa esifubeni umzali ehamba-hamba nalo endlwini. Iintsana ezininzi ziyathuthuzelwa kukuhamba-hamba uluphethe. Ezinye iintsana zithanda ukukhweliswa kwiprem endlwini. Xa imozulu intle, abazali bangaphuma nosana baluqhube kwiprem.

Abazali mabangaluhlekisi kakhulu usana. Ukwenza njalo kungalwenza usana ludinwe, lungazoli yaye lulile. Xa nidibene nabanye abahlobo, abazali mabalumkele le nto yokuba usana luphathwe ngabantu abaninzi. Kubalulekile ukuba usana lufumane ithuba lokuphumla nokuzola.

Ngamanye amaxesha iintsana zikhala kakubi ngenxa yokulunywa sisisu. Thambisa kakuhle isisu sosana nge-oyile yokuluthambisa. Oko kuya kulunceda usana lukhuphe umoya yaye lungalunywa sisisu.

Usana olulilayo lunganikwa idami. Idami yinto enakho ukuthuthuzela usana. Abanye abazali abayithandi idami kwaye noogqirha bathi yona ingaphazamisa ukukhula kwamazinyo kodwa baninzi abazali abakholwa kukulunika idami usana.

Umzali onosana olulilayo makaqinisekise ukuba inaphukeni icocekile. Inaphukeni emdaka ingalwenza usana lulile. Kubalulekile ukuba umzali asoloko etshintsha inaphukeni yosana.

Ngamanye amaxesha isizathu sokulila kosana kukuba lulambile kwaye lunxaniwe. Luphe usana ukutya nento yokusela ukuze luhlale lonwabile.

[Sikhutshwe kwi*Bona* kaDisemba 2007 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

## UMBUZO 3

3.1 Dibanisa ezi zivakalisi zibe sisivakalisi esinye.

Umzekelo: Inkwenkwe ithanda ukumamela. (Inkwenkwe) iyabhala.
Impendulo: Inkwenkwe ithanda ukumamela ibhale.

3.1.1 Umama ubukela ifilimu. (Umama) ubhala ingxelo. (1)

3.1.2 Ihashe litye ukutya. (Ihashe) libaleke endleleni. (1)

3.2 Bhala ezi zivakalisi kwisininzi.

Umzekelo: Umthi ukhula kakuhle.
**Impendulo**: **Imithi ikhula kakuhle.**

3.2.1 Usana luyahleka. (2)

3.2.2 Umalume wakhenketha emaXhoseni ngo-2007. (2)

3.3 Cwangcisa la magama alandelayo uze uwabhale ngokulandelalana kwawo kwisichazi-magama.

Umzekelo: abamelwane, -mela, ummangalelwa

**Impendulo: (i) ummangalelwa**
**(ii) -mela**
**(iii) abamelwane**

-funda, ufudo, umfundi (3)

3.4 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo usebenzise amagama emibuzo.

3.4.1 Kukho abadlali <u>abalishumi</u> elinanye kwiqela lesoka. (1)

3.4.2 Ungayifumana iteksi kufuphi <u>nesitishi sikaloliwe</u>. (1)

3.4.3 Ndiza kubhala uviwo lwesiXhosa <u>ngoMvulo</u>. (1)

3.5 Izakhi <u>ezikrwelwe umgca ngaphantsi</u> zibonisa ntoni kwezi zivakalisi zilandelayo? Khetha kwezi:

(i) Isini
(ii) Ukuzalana
(iii) Ubukhulu


3.5.1 Siye sawela umlambo<u>kazi</u> weLimpopo ukuya eZimbabwe. (1)

3.5.2 Ndiye ndatyelela ubawo<u>kazi</u> izolo. (1)

3.5.3 Umhlobo wam wathi wanyangwa ligqirha<u>kazi</u>. (1)


3.6 Funda ezi zivakalisi ukhethe ibhokisi echanekileyo. Bhala inombolo kuphela.

3.6.1 UBrian ukhwele induli ngoku uyaphumla. UThandi yena usayikhwela.




(1)

3.6.2 Kukho iibhotile ezimbini ezigcweleyo, enye isisiqingatha (isehafini) nenye ize/ayinanto.





(1)

3.7 Funda izivakalisi kuluhlu A nakuluhlu B uzitshatise ngendlela efanelekileyo. Bhala inombolo kunye nonobumba kuphela.

| KHOLAM A | KHOLAM B | |
|---|---|---|
| 3.7.1 Khawucime unomathotholo. | A NguSenzo | (1) |
| 3.7.2 Ndicela undixelele igama lakho. | B Ndinenye kuphela. Ndisayisebenzisa. | (1) |
| 3.7.3 Ndicela undiposele le leta. | C Ndicela uxolo. Ayimnandanga le ngoma. | (1) |
| 3.7.4 Khawundiboleke le peni. | D Andinakho ukwenza njalo ngaphandle kwesitampu. | (1) |

3.8 Jonga kule mifanekiso mibini.

3.8.1 Bhala umyalelo oza kuvela kumfazi wendoda.



(2)

3.8.2 Phinda ujonge kwimifanekiso eku-3.8.1 ubhale umyalelo oza kuvela kumfazi ngendlela ehloniphekileyo/ebonisa imbeko. (2)

3.9 Phinda ubhale ezi zivakalisi zilandelayo kwixesha elibhalwe kwizibiyeli.

3.9.1 Ixhego lithanda umphokoqo namasi. (ixesha elizayo) (1)

3.9.2 Umama akayithandi imoto yakhe entsha. (ixesha eladlulayo) (2)

3.9.3 Inja iza kulala ebhedini yomntwana. (ixesha elidlulileyo) (1)


3.10 Gqibezela esi sivakalisi ngokukhetha elona gama lifanelekileyo. Bhala igama kuphela.

Abafundi beyunivesithi yaseRhodes baza (kubhala; kubala) iimviwo ekupheleni kwale nyanga ngepeni emnyama. (1)

3.11 Tshatisa amagama anentsingiselo efanayo. Bhala inombolo kunye nonobumba kuphela.

| KHOLAM A | KHOLAM B | |
|---|---|---|
| 3.11.1 Ukuthethana | A Ukubheka | (1) |
| 3.11.2 Ukuqondana | B Ukuvana | (1) |
| 3.11.3 Ukuya | C Ukukhupha | (1) |
| 3.11.4 Ukutsala | D Ukunxibelelana | (1) |


3.12 Jonga kulo mfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.



3.12.1 Gqibezela esi sivakalisi: Ihempe engasekhohlo imnyama kodwa mna, ndithanda ihempe ... (1)

3.12.2 Ubona iihempe ezingaphi kulo mfanekiso ungentla? (1)

3.13 Jonga kulo mfanekiso uchaze ukuba imozulu iza kuba njani ngomso.




(2)

3.14 Guqula le ncoko iphakathi kukaAyanda noSimphiwe.

3.14.1 Ayanda: What are you doing, Simphiwe? (2)

3.14.2 Simphiwe: I'm drawing a picture. Can't you see? (2)

3.14.3 Ayanda: Yes, I like these trees. (2)

3.15 Nika izininzi zala magama abhalwe **ngqindilili** kwesi sivakalisi.

**Indoda** (3.15.1) ilobe **intlanzi** (3.15.2) ime phezu **kwelitye** (3.15.3) elikhulu. (3)

3.16 Bhala igama **elikwizibiyeli** (...) kuphela ngendlela efanelekileyo.

3.16.1 Ipolisa likhawuleze (-bamba) isela ebelizama ukuyiba imoto. (1)

3.16.2 Utata wam udla (-bukela) imidlalo evela kumabonakude. (1)

3.16.3 Sondelani bahlobo (-hambi)! (1)

3.17 Phinda ubhale esi sivakalisi ngendlela efanelekileyo/evakalayo.

omkhulu uqale embizeni Umlilo (2)

3.18 Jonga lo mzekelo uze uphendule umbuzo olandelayo.

Umzekelo: "Ndicela into yokusela," utshilo uSandile.
**Impendulo: USandile uthe ucela into yokusela.**

"Andikasengi nkomo," utshilo uVeliswa.

Sibhale kwakhona esi sivakalisi uqale ngolu hlobo:

UVeliswa uthe … (2)

3.19 Khetha esona sifanekisozwi sifanelekileyo kwizibiyeli.

3.19.1 Abafundi bangena (qhu/qho) esikolweni phakathi evekini. (1)

3.19.2 Lo mntwana ufana (nqwa/qhwa) notata wakhe. (1)

3.20 Funda ezi zivakalisi (ZIKULUHLU A) uzitshatise nezaci ezichanekileyo (KULUHLU B).

| KHOLAM A | KHOLAM B | |
|---|---|---|
| 3.20.1 Umama wakhe wasweleka ngo-2005. | A Ukucela iindlebe | (1) |
| 3.20.2 Ubhuti wam akoyiki nto! | B Ukungabi nolwimi | (1) |
| 3.20.3 Mamelani manene namanenekazi! | C Ukubeka inqawa | (1) |
| 3.20.4 Soze ndimxelele iindaba zam. | D Unesibindi | (1) |

**AMANQAKU ECANDELO C: 60**

## ICANDELO D: UNCWADI

### IMIYALELO:

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha Amathunzi obomi phendula UMBUZO 4.1 kunye NOMBUZO 4.2.
- Ukuba ukhetha Umzali wolahleko phendula UMBUZO 5.1 kunye NOMBUZO 5.2.

### UMBUZO 4

***AMATHUNZI OBOMI* – JJR Jolobe**

4.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo ngesiXhosa. Bhala izivakalisi ezizeleyo.

| | |
|---|---|
| UKRILA: | (Ephuma) Enkosi, Dlomo. |
| UMADLOMO: | (Ehlamba izitya) Abantu beNkosi abasazi isilingo endikuso ngoku. Umoya uyathanda wona. Inyama ililela ukutya nempahla yokunxiba. Yonke le nto nerente neminikelo kufuneka iphume kwimali yevasi. Akukho msebenzi ungomnye endingaqeshwa kuwo ukuze ndizuze imali engaphezulu. Hayi, kunzima emhlabeni!<br>*(Kuvakala izingqi zomntu ozayo.)* |
| UMADUMA: | Nkqo! Nkqo! Nkqo! |
| UMADLOMO: | Ngaphakathi. |

4.1.1 Ngubani lo Krila wayephuma kwaMaDlomo? Wayeze kumbonela ntoni uMaDlomo? (2)

4.1.2 Yintoni esi silingo uMaDlomo wayekuso? (2)

4.1.3 Kwafika uMaDuma kwaMaDlomo. UMaDuma wayeyintoni kuMaDlomo? Wayeze kwenza ntoni apho? (2)

4.1.4 UMaDuma waphinda watyelela uMaDlomo ekupheleni kwebali. Wayemphathele ntoni? (2)

**KUNYE**

4.2

| | |
|---|---|
| UNGXAKI: | Ndiya kuyenza nini le nto yokuthi, 'Kubomvu, Kumnyama?' |
| UMADLOMO: | Uza kuqala namhlanje oku. Namhlanje ngoLwesihlanu. Uya kuqala kude kube sebusuku. Uya kwenjenjalo nangomso ngoMgqibelo emva kwemini kude kube sebusuku. |

4.2.1 Khankanya omnye wemikhuba emibi eyafundwa nguNgxaki. Wazifundela phi ezo zinto? (2)

4.2.2 Ucinga ukuba isenzo sikaMaDlomo sokusebenzisa uNgxaki ukufezekisa iimfuno zakhe ngokuthi aye kumgadela amapolisa esitalatweni yayisisenzo esilungileyo na? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.3 Bhala iingxaki eziNTATHU ezibangele uMaDlomo asile utywala ekugqibeleni? (3)

4.2.4 UNgxaki uzalana njani noMaDlomo? (1)

4.2.5 UNgxaki wabanjwa ngamapolisa. Kwenzeka ntoni kuye? Wavalelwa phi? (2)

4.2.6 Kwakutheni ukuze uMaDlomo athi kunzima ukuhamba iindlela ezimbini? Nika uluvo lwakho ngale ntetho yakhe. (2)
**[20]**

**OKANYE**

## UMBUZO 5

### *UMZALI WOLAHLEKO* – GB Sinxo

5.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo. Bhala izivakalisi ezizeleleyo ngesiXhosa.

> Wayethetha esithi, "Titshala! Titshala, umbethela ntoni umntwan' am? Waphuma phandle utitshala esiya kuthetha naye. "Nkosikazi, umntwana wakho akohlwaywanga ngokungaphezulu kukaNquphephe," ucacise ngokuzola utitshala.

5.1.1 Ngubani lo uthi, "Titshala! Titshala, umbethela ntoni umntwan' am"? Umntwana wayebethelwe ntoni ngutitshala? (2)

5.1.2 Lo mntwana uzalana njani nalo mfazi? (1)

5.1.3 Ucinga ukuba utitshala wayengumntu onjani? Bhala izinto zibe MBINI. (2)

5.1.4 Kwenzeke ntoni kulo mntwana ekupheleni kwencwadi? (2)

**KUNYE**

5.2

> Wabuyela kwakuNdimeni kwakhona, ehamba ezibetha esifubeni esithi,
>
> *"The friend that never troubles,*
> *The horse that never stumbles,*
> *The wife that never quarrels."*
>
> Wafika wahlala phantsi, wajonga kumhlobo wakhe encumile, wathi, "Thina sine-*experiences* ne-*authorities* ngezi zinto. *Look a-here, Demain*, wena ufundisiwe, ufundiswe kakhulu nguyihlo. Akunguye umntu wokuhlala apha edolophini umana ukugxothwa ngabeLungu. *By Jupiter and by Mercury*, ndinyanisile, *and this boy is good op this earth*. Goduka uye kulima umhlaba kayihlo."

5.2.1 Ngubani lo ukhumsha apha? Lo mntu uthetha ngantoni xa esithi "The friend … quarrels"? (2)

5.2.2 UJomsini wanika uNdimeni "icebo elihle". Bhala ngokufutshane ngeshishini lesepha. (2)

5.2.3 Ekupheleni kwencwadi uNdimeni watshata nabani? (1)

5.3 5.3.1 UNojaji uzotywe wangumlinganiswa onjani? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.3.2 UMenzile wabulawa sesinye sezi zifo:

A Isifo seswekile
B Isifo sephepha
C Isifo sentliziyo (1)

5.3.3 Wenza ntoni uNojaji emva kokubhubha kukaMenzile? (1)

5.3.4 Bhala ngendima kaGakhulu ebomini bukaNdimeni. (3)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 120**